basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**GEC PILOT STUDY**
**MARKING GUIDELINE 2024**
**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO**
**GRADE 9**

**ICANDELO A**

- *Inqaku elinye kwimpendulo nganye.*
- *Awekho amanqaku asisiqingatha.*
- *Korekisha (✓) impendulo echanekileyo ze ukrwele umgca ngezantsi kwimpendulo engachanekanga.*

Umbuzo 1

| Inani | IMPENDULO ELINDELEKILEYO | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | B | Kubonakalise amandla enguquko kwisizwe jikelele. | ✓ |
| 1.2 | C | Liqela laseNew Zealand | ✓ |
| 1.3 | C | Kukulandela ekhondweni | ✓ |
| 1.4 | D | Ngumdlalo wombhoxo | ✓ |
| 1.5 | A | Amabhokobhoko ayebonisa ngendebe abayiphumeleleyo kubemi boMzantsi Afrika. | ✓ |
| 1.6 | B | Impumelelo yamabhokobhoko ibangele umanyano nenkxaso eMzantsi Afrika. | ✓ |
| 1.7 | C | ulonwabo | ✓ |
| 1.8 | D | Ewe kuba iye yavuselela umdla, umanyano nothando lwezemidlalo. | ✓ |
| 1.9 | C | Zijikeleze ilizwe | ✓ |
| 1.10 | D | Usibonisa ukuba amabhokobhoko abonakalise amandla okusebenzisana beliqela. | ✓ |
| 1.11 | D | Usinika ingcamango yokuba amabhokobhoko adlale ngokuzimisela. | ✓ |
| 1.12 | D | Yinyani kuba izise utshintsho nomanyano kubemi beli. | ✓ |
| 1.13 | B | Kunyaka wama -2023 babonakalise umanyano, intsebenziswano nokuzithemba kwabadlali. | ✓ |

| Inani | IMPENDULO ELINDELEKILEYO | | |
|---|---|---|---|
| 1.14 | A | kukonwaba | ✓ |
| 1.15 | D | Ulwimi olukhuthazayo | ✓ |
| 1.16 | A | Kukwamkelwa kwawo ngezandla ezishushu. | ✓ |
| 1.17 | A | Sisebenze njengesinqumamisi | ✓ |
| 1.18 | D | Amabhokobhoko seyingamatyeli amane bebuya nendebe yehlabathi. | ✓ |
| 1.19 | D | Umbhali wonwabile kuba amabhokobhoko aphumelele. | ✓ |
| 1.20 | D | Kubalandeli abathanda umbhoxo | ✓ |
| 1.21 | C | Sibonisa impumelelo kumgangatho wokhuphiswano. | ✓ |
| 1.22 | A | UMphathiswa wavuya ngempumelelo yamabhokobhoko. | ✓ |
| 1.23 | D | liqaqambile | ✓ |
| 1.24 | A | Uphumelele kuba ucacise indlela abantu abaziva ngayo. | ✓ |
| 1.25 | A | Usikhuthaza ukuba simanyane sixhase umdlalo wombhoxo. | ✓ |

UMBUZO 2.1

**QAPHELA:** Umbuzo 2.1 no 2.2 mabarekhodwe kunye njengo Mbuzo 2 OKUBONWAYO ngamanqaku ayi – 15

| **Inani** | **Impendulo elindelekileyo** | | **Uphawu (✓)** |
|---|---|---|---|
| 2.1.1 | C | Kukukhuthaza ulutsha lube yinxalanye yale Academy. | ✓ |
| 2.1.2 | C | Sijoliswe kulutsha oluneminyaka eli – 12 -20. | ✓ |
| 2.1.3 | B | Kukuloba umdla kubathengi abagqitha ngendlela. | ✓ |
| 2.1.4 | C | Yonwabela umdlalo wombhoxo | ✓ |
| 2.1.5 | D | Uphumelele kuba usinikile zonke iinkcukacha ngesi sibhengezo. | ✓ |
| | | | **[5]** |

2.2 Ikhathuni

| Inani. | Impendulo elindelekileyo | Ulwabiwo lwamanqaku | |
|---|---|---|---|
| 2.2.1 | Basendlwini √<br>OKANYE<br>Bakwigumbi lokulala lika Zipho √ | Nika inqaku ngempendulo echanekileyo. | 1 |
| 2.2.2 | Umama kaZipho ukhathazekile√<br>OKANYE<br>Uqumbile/Unomsindo/Uyacaphuka. √ | Nika inqaku ngempendulo echanekileyo. | 1 |
| 2.2.3 | Ayifanelekanga kuba uZipho mdala kakhulu kukuxakwa kukuzikhangelela impahla yokunxiba. √√ | Nika amanqaku -2 ngempendulo echanekileyo. | 2 |
| 2.2.4 | UZipho ngumntwana ongafuniyo ukukhula osoloko efuna ukwenzelwa yonke into ngunina. √√<br>OKANYE<br>Akafuni ukukhula ulixelegu loo nto ibonakaliswa yimpahla yakhe ethe saa. √√ | Nika amanqaku -2 ngempendulo nganye echanekileyo. | 2 |
| 2.2.5 | Umntwana akaqeqeshekanga ngokoneleyo. √ | Nika inqaku ngempendulo echanekileyo. | 1 |
| 2.2.6 | Ubuxelegu abuthandwa ngabazali √<br>OKANYE<br>Umntwana makafunde ukuzenzela angalindeli ukwenzelwa ngabazali. √<br>Ubuxelegu abuthandeki.√ | Nika inqaku ngempendulo echanekileyo ngokuxela imvakalelo. Nayiphi na impendulo efanelekileyo. | 1 |
| 2.2.7 | Umama kaZipho ufuna impahla ihlale ngocwangco, ngelixa uZipho esonqena ukusonga impahla. √ √ | Yamkela nayiphi na impendulo echanekileyo. | 2 |

**[10]**

| Umbuzo 3: Isishwankathelo | | | |
|---|---|---|---|
| **AMANQAKU ACETYISWAYO**: Nokuba sesiphi isi-7 kula manqaku alandelayo: | | | |
| 1. | Hlamba kube kanye ngemini xa ungumntu othanda ukuhlamba. ✓ | **UMXHOLO:**<br>1 inqaku ngempendulo esondele kule oyinikiweyo = 7 amanqaku<br><br>Ungathabathi amanqaku omfundi ngopelo olugwenxa kunye nolwimi olunempazamo ezingatshintshi intsingiselo<br>.<br>**ULWIMI**<br>**Ukubalekana nokuthabatha amanqaku omfundi amanqaku olwimi, yaba amanqaku olwimi ngalendlela eboniswe ngezantsi:**<br><br>1-3 amanqaku achanekileyo = + 1 amanqaku<br>4-5 amanqaku achanekileyo = + 2 amanqaku<br>6-7 amanqaku achanekileyo = + 3 amanqaku.<br><br>Ungathabathi amanqaku ngefomathi ebhalwe gwenxa okanye xa kucaphulwe ngqo kwitekisi OKANYE igama elisalele xa kubalwa. Phawula amanqaku ngendlela efunwayo ungakuhoyi okufunwayo.<br><br>Ungathabathi amanqaku ngocwangciso olugwenxa. Phawula ucwangciso nokuba kubhalwe lona OKANYE akagqibanga kubhala umfundi. | **10** |
| 2. | Zivale iimpompo zamanzi xa ungazisebenzisi ze ufundise wonke umntu endlwini. ✓ | | |
| 3. | Khongozela amanzi ngezitya ngelixa ulinde amanzi ashushu.✓ | | |
| 4. | Qokelela amanzi emvula xa kunetha unkcenkceshele ngawo. ✓ | | |
| 5. | Lungisa iitepu, imibhobho nezindlu zangasese ezivuzayo.✓ | | |
| 6. | Hlambela iziqhamo nokunye ukutya kwizikhongozeli xa uza kuzipheka. ✓ | | |
| 7. | Thenga izixhobo zombane ezithatha umthamo omncinci wamanzi. ✓ | | |
| | | | |

Umbuzo 4

| Inani | Impendulo elindelekileyo | | |
|---|---|---|---|
| 4.1 | A | umninimzi | ✓ |
| 4.2 | D | Isivakalisi esilula | ✓ |
| 4.3 | B | elangazelela | ✓ |
| 4.4 | A | Sibonisa ubuncinane ngokwenziwa. | ✓ |
| 4.5 | C | Igatya elibalulayo | ✓ |
| 4.6 | B | Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye kodwa bengenalwazi ngayo. | ✓ |
| 4.7 | C | mnyama | ✓ |
| 4.8 | B | Sibonisa indawo | ✓ |
| 4.9 | C | UZamile ufuyise uFundile idonki. | ✓ |
| 4.10 | C | UShaza ebesoloko efumaneka kwibala lokudlala. | ✓ |
| 4.11 | D | isimntwiso | ✓ |
| 4.12 | A | UMnu | ✓ |
| 4.13 | C | Luphawu olubonisa umbuzo | ✓ |
| 4.14 | C | Isimelabizo soquko | ✓ |
| 4.15 | B | UShaza ukulele kwikaya lakwaZamile. | ✓ |
| 4.16 | D | Ixesha eladlulayo | ✓ |
| 4.17 | A | UShaza uthi uyakuthanda ukuthwala umnqwazi. | ✓ |
| 4.18 | A | Kubonisa uthando nokukhathalelwa kwedonki. | ✓ |
| 4.19 | A | UShaza uziva onwabile yimpatho entle. | ✓ |
| 4.20 | A | Ngumntu ongenabo abazali | ✓ |